UMTETELI



# Ukuxoka ! Pulapula ! !

## (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Lento ikukuxoka itshisa umzi
Ikwalubhubhisa noxolo lwemizi
Into ehlala izisula umlomo
Ishiye apo bete nka imilomo.

Pulapula xa ulixoki buy umva
Kub' inyaniso liyiakela umva
Bangakolwa lilo abakolwayo
Kuba ngumhlambi onja zibalekayo.

Ukuxoka oku kulwisa abantu
Kuhamba nodushe kukupa nobuntu
Ndingakufihleli kupela nomkita
Unge ulodonga lusand' ukunetwa.

Lento ilixoki ayihoywa bani
Nditsho lingatini akubeti no wani
Liba ngangam ndigaqe ngamadolo
Andikupinda nditshilo nje nditshilo.

Lento ulwimi ayihlisi butongo
Naxa umninilo eze ngexilongo
Alubambi nahlelo mhla kuliwayo
Kuba ngumhlambi onja zibalekayo.

Lento ulwimi inene bafabantu
Ifumbalala eziqwini zabantu
Umzi oxokayo ngumzi wamaxoki
U Satana kanye noyise wobuxoki.

Ungamncetezi owakuni ngenzuzo
Ncama iziyolo omnceteza ngazo
Zakutsha ngumlilo ngomhlana wompèto
Bupel' ubukosi ube ungasento.

Unganqini nobunqina bobuxoki
Ubulale owakuni ngobuxoki
Ungatyi ngaye umpumele ingqina
Kulapo nawe wotshabalala kona.

Ofumbalala eziqwini zabanye
Lixoki elo lahla netemba kunye
Yingungxula utob' amatye otshaba
Into exoka kuti gongqo nenkaba.

Kwati kekaloku batsho osivile
Tina ke maxoki sakufa sivile
Asisaziwa namhla size ngenyani
Kuba kaloku asiyazi inyani.

Akuko buntu bukumntu olixoki
Ongahlali ntweni ? Safa ngu bo'siki
Uxoka kanye etandaza ku Tixo
Unokutini nabantu bangu Tixo.

Lungumlilo opeleleyo ulwimi
Akuko ngozi igqita eyolwimi
Lutshisa konke apo luhamba kona
Abantu bemfundo bona batinina ?

Awû ! Yebo ke !!